Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 11

## NOVEMBA 2020

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2 (EXEMPLAR)

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2 iiyure**

*IXHOFA2*

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha LINAMACANDELO amaTHATHU:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
   | ICANDELO B: | Idrama | (35) |
   | ICANDELO D: | Imibongo | (35) |

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Phendula imibuzo ibe miBINI iyonke, umbuzo NGAMNYE ukhethwa nakweliphina icandelo kula: A, B, no C.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula imibuzo kumabali OMABINI abuziweyo

   ICANDELO C: IMIBONGO
   Phendula imibuzo ebuziweyo YOMIBINI.

6. Sebenzisa uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

10. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwiCANDELO ngaLINYE.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

## ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | *Vuleka Mhlaba* | 1 | 35 | 5–7 |

**OKANYE**

## ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 2. | *Idayimani icholwa eluthulini* | 2 | 35 | 8–11 |

**OKANYE**

## ICANDELO C: IMIBONGO: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – N Gidi (Umhleli)

Phendula imibuzo YOMIBINI kweli Candelo.

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 3. | Ikhaya | 3.1 | 17 | 12 |
| 4. | Ixesha | 3.2 | 18 | 13 |

## ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|---|
| A | Inoveli<br>(Vuleka Mhlaba!) | 1 | 1 | |
| **OKANYE** | | | | |
| B | Idrama<br>(Idayimani icholwa eluthulini) | 1 | 1 | |
| **OKANYE** | | | | |
| C | Imibongo<br>(I-Afrika Entsha) | 2 | 2 | |

**QAPHELA:** Phendula imibuzo ibe miBINI nakweliphi na icandelo kula: A, B, no C.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## VULEKA MHLABA: NCEDILE SAULE

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Yamcacela ngaloo mzuzu ukuba ayikho enye indlela, kuza kufuneka azenze ipolisa okanye aqeshe umcuphi amphandele. “Incede ntoni ke, kuba nokuba loo mcuphi ngowasese, uselipolisa,” abambelele entloko uThangana omhle, ibe nzinzilili intloko kukucinga**, acinge, acinge, acinge,** asuke ayeke.

Nangoku <u>wayokulala eyibona iluzizi indlela yakhe</u>, ingakumbi akucinga ngento yokuba akanakuze alufumane uxolelo ngaphandle kokuba azikhuphe etyaleni. Lona lalisamambethe, wayeyiqonda kakuhle loo nto.

Ubungqina obufumaneke sekuncamekile babungekavavanywa, etshilo kunjalo nje uSaqhwithi ukuba akuzi kuba lula.
“Bantu kaZathu, inkundla ikunika nje intunja yokuphefumla, siza kubuya sizokuxhentsa kule nkundla, kuza kuba mdaka iindawo ndiyakuxelela,” watsho engahleki nanye kwezihlekisayo.

Wathi naxa engafuni ukuyizinzisa kwizinto ezidlulileyo ingqondo yakhe njengakulaa mazwi kaSaqhwithi, yathi gqolo yona ukuxela isele eliphikele ukubuyela kule ndawo ligxothwa kuyo.

Zange nangoku akwazi ukuyinqanda ekucingeni ngento yokuba ixesha analo wayesalibolekiwe, nento yokuba nyhani usalinde usuku lokuya kuvela enkundleni kwakhona njengoko isigwebo sakhe sasisaxhonyiwe ngeli xa kwakusaphononongwa ubungqina obutsha, namapolisa esadidekile. Ixhala lokuba angabanjwa kwakhona aye kuvalelwa lalimenza afune ukuphambana, “kweli ilixa ndingasuka ndizibulale, ndizixhome kube kanye,” alive elo lizwi liziphindaphinda phaya emva engqondweni yakhe.

1.1.1 Xela isizathu sokuba uBantu afune ukuzenza ipolisa okanye aziphandele ityala athetha ngalo kwesi sicatshulwa. (2)

1.1.2 Lelantoni eli tyala kuthethwa ngalo kwisicatshulwa? (1)

1.1.3 Chaza injongo yophinda-phindo lwegama ‘acinge’ elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

1.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

1.1.5 Chaza ukuba intetho ethi, **“... ngaphandle kokuba azikhuphe etyaleni ...”** iphumelela njani ekupheleni kweli bali. (2)

1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Ubungqina obutsha kwityala likaBantu babuvezwe ngu ...

A Mngombeni
B Zweni
C Noziqhamo
D Sindiswa (1)

1.1.7 Isixelela ntoni ngoSaqhwithi indlela achazwe ngayo ethi, "wayengahleki nanye kwezihlekisayo"? (2)

1.1.8 Xela udidi lwempixano ekhoyo kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

1.1.9 Ngqina ukuba inqanaba lesakhiwo sebali ekuthathwe kuso esi sicatshulwa sesokuyondelelana kwezinto. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

1.2 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

"Nozi, khawumise ubuye umva ngokukhawuleza," **waxhuma ngathi uhlatywe ngesilanda entsuleni uBantu.**
"Hayi andikwazi ukumisa kule ndawo, akumiswa," wakhalima uNoziqhamo, isabheka phambili imoto kwindlela emxinwa ukungena apha eWaterfront.
<u>"Misa mfondini, kungenjalo ndiza kutsiba ihamba le moto</u>," watsho evula ucango ekhupha umlenze. Wamisa ngobungxamo uNoziqhamo engayazi eqhubekayo. Kwewu-u! iimoto emva kwakhe, yasisankxwe zikhalazela lo mntu uzivalela indlela. Ndithi mntakamama wawungabona apha ekujikweni kwemilomo ukuba into eyayibhekiswa kuNoziqhamo inuka phuu.

Wayephume ukumisa kwayo uBantu ngathi uyadutyulwa. Tshe, jike, jike, wabuya emaphikana, abantu beemoto besathukisa. IWaterfront yindawo ethandwa kakhulu ngabemi baseKapa, kuyonwatywa, kuyathengwa, kuyazulwa kuyiloo nto kule ndawo.

"Yintoni le undenza yona?" wabuza ekhalima uNoziqhamo eyikhaba ibheka phambili imoto. Wathula uBantu wajonga kude ikho le nto imcingisa nzulu. Wayephatha kukrwela intloko.

Tu, cwaka akabhekisa nelimdaka naxa wayekhalima ngamandla uNoziqhamo efuna isizathu sesenzo sakhe.

Bada baya kufika kwindawo ezimisa kuyo iimoto bewuhambe okonwabu loo mganyana ngenxa yobuninzi beemoto. Ithe yakumisa imoto ehleli engahli emotweni uNoziqhamo esahlisa umsindo, wathetha okokuqala uBantu.

"Ndiyazazi eziya bhrukhwe!" wamangaliswa uNoziqhamo kuba kwakungekho zibhrukhwe phambi kwabo.
"Ndandizibona phi kanene? Ndandizibona phi?" wabambelela entloko waqubuda wafihla intloko phakathi kwamadolo.

1.2.1 Loluphi udidi lozalwano oluphakathi kukaBantu noNoziqhamo? (1)

1.2.2 (a) Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Chaza okuphuhliswa ngumfanekiso-ngqondweni owuxele kuMbuzo 1.2.2(a). (2)

1.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli, kwintetho kaBantu ekrwelelwe umgca ngaphantsi kusetyenziswe (ulwimi oluqweqwedisayo/ ulwimi olucengayo.) (1)

1.2.4 Wakubonakalisa njani uNoziqhamo ukuba akakufuni ukumisa kule ndawo babehamba kuyo noBantu? (1)

1.2.5 Ngqina ukuba ijelo lokubalisa elisetyenziswe kwesi sicatshulwa lelomntu wesithathu ophezu konke. (2)

1.2.6 (a) Nika igama lomntu owayebonwa nguBantu eWaterfront. (1)

(b) Ingaba ubaluleke ngantoni lo mntu ubonwe nguBantu ebalini? (2)

1.2.7 Nika umxholwana oveliswa sesi sicatshulwa. (2)

1.2.8 UNoziqhamo ulolupi udidi lomlinganiswa kweli bali? Xhasa impendulo yakho ngemizekelo oyikhupha ebalini. (3)

1.2.9 Xela isimo sentlalo ngokwamaxesha ezimbalini esityhilwa sesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU EWONKE 35**

**OKANYE**

## ICANDELO B

## UMBUZO 2

## IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI: ZAMA A. JAPHTA

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA C

**(*Kube ngathi uthetha nesikhuni kuba ubeselerhona kwakhona uMfanelo. Uthe xa aziyelayo kwisiqhuma semali, kwangenelela uNonkuthazo nobekade ebukele engathethi.)***

| | |
|---|---|
| NONKUTHAZO: | Kha ume kancinci. Kanye kanye uMfanelo lo ukubamba malini? |
| NOMTHOMBO: | Thul'ufe wena akungeni ndawo kule nto, 'Sebekho'. |
| NONKUTHAZO: | (*Ebufudumala)* Kanti ke ndiyangena, yindlu yam le. Ngaphezulu uMfanelo uhlala nam. Ndiphendule qha wena! |
| NOMTHOMBO: | Ndifuna ama-R200 wam kuMfanelo, hayi kuwe! |
| NONKUTHAZO: | (*Akaphendulanga uNonkuthazo, uye kwisiqhuma semali wakhupha le iseleyo kwebinikwe uNomthombo, wamnika.)* |
| NOMTHOMBO: | Ina, nantsi imali othi yeyakho. Ndicela uhambe ngoku. |
| NONKUTHAZO: | (*Ethatha imali)* Tyhini bethuna! Ucinga ukuba ungubani, ude uthethe olo hlobo kum? Lo 'malahlwa nofele wentombi'! |
| NOMTHOMBO: | **Akunani nokuba uthini na ngam, qha okokuqala ndicela ungaze uphinde ubeke umcondo wakho apha. Okwe ...** |
| NONKUTHAZO: | Uthini? Ucinga ukuba ndinomdla wokuza kweli gunjana lakho? Uthe kanti akundazi. |
| NOMTHOMBO: | (*Epholile)* Okwesibini ungaze uphinde unike u'Mfa-mfa' utywala ngaphandle kwemali. Ukuba ukhe waphinda uy ... |
| NONKUTHAZO: | Tyhini bantu! Ucinga ukuba uyintoni kuMfanelo wena? |
| NOMTHOMBO: | Ukuba ndiyintoni na, ayifuni wena. Qha ndithi ukuba uphinde wamnika utywala engenamali, uya kuyithatha apho ubumnikela khona, hayi apha. Ungaze uphinde ubeke ezi nyawo zinamasa apha! |
| NONKUTHAZO: | Ucinga ukuba uyintoni wena phakathi kwezifundiswa? Iqaba eliqhum'imbola njengawe lo. Bakujongile abakwaGontsi njengokuba ucinga ukuba uzibambele. Lo Nopatazana!<br><br>Ucinga ukuba kukwakho apha? Ngubani lo uzokumthukela kwakhe? (*Utsho esiya phantsi komandlalo, atsale intonga wonda ngoNomthombo. Utsho ngezithonga ezibini entloko kuNomthombo, yagexa iqhiya. Akaphindisanga uNomthombo, koko utsibe owenkawu ukuya kuphuma emnyango, wankcunkca ukuya esangweni.)* |

2.1.1 Khankanya ulwazi oluqulethwe zizalathisi zeqonga ezibhalwe ngqindilili kule ngxoxo. (1)

2.1.2 Thelekisa indlela azana ngayo UNonkuthazo noMfanelo nendlela azana ngayo uMfanelo noNomthombo ebalini. (2)

2.1.3 Uthetha ukuthini uNomthombo xa esithi uNonkuthazo ngu'Sebekho'? (2)

2.1.4 Chaza ukubaluleka kokubakho kukaNonkuthazo kule drama. (2)

2.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. UMfanelo ngumlinganiswa (ongqukuva/osicaba)? Xhasa impendulo yakho. (3)

2.1.6 Xela umsebenzi wale ngxoxo ikwisicatshulwa. (2)

2.1.7 Kubonakaliswe njani ukuba intetho kaNonkuthazo ebhalwe ngqindilili ayigqitywanga? (1)

2.1.8 Ngqina ukuba lo mdlalo yintlekele-siyolisi. (2)

2.1.9 Ngqina ngeengongoma eziNtathu ukungafaneleki kwendlela athetha ngayo uNomthombo xa ethetha noNonkuthazo kwesi sicatshulwa singentla. (3)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

| | |
|---|---|
| SAZISO: | Ke ngoku Mha ufuna ukuba simazi? |
| Nkskz. GONTSI: | Ewe mntwanam, koko ndixakiwe, Akawusuka asitshikilele lo-lo mfazi? **Kaloku singabo bebengamfuni.** |
| SAZISO: | Andiqondi njalo mna mama. Ukuba bekunjalo ngesiwufumana loo moya kwalapha kuMfanelo. Ngengaxabisanga ukubuya kangaka ukuba ebenesixhiba la-la mfazi wakhe. |
| Nkskz. GONTSI: | Awu, wandibetha emlonyeni Sasa. Usuke wasixabisa kangakanana. Inene ndiyaqala ukusibona esi simo kuye uMfanelo. Loo nto linene umntwan'am, ingaba yintoni? |
| SAZISO: | Ayikho kaloku ngaphandle kwalo mfazi wakhe. Makube thina senza impazamo, ngokungamazi ke phofu nokuva amabali ngaye esithubeni. Nam mama ndibukele umf'omkhulu sele ehamba ngeyakhe inqwelo! Sele eyinqununu kwesephakamileyo imfundo sona! |
| Nkskz. GONTSI: | Tyhini, unantoni na uSaziso? Zizinto endingazange ndimnxulumanise kwa ukumnxulumanisa nazo uMfanelo. Uthini ngale yokungafuni kwa ukububona ngoku utywala? |
| SAZISO: | Hayi ndiyabona wena mama umthandile uMfanelo lo mfazi wakhe, kuba ebengekhe akwazi ukumnyamezela kwezi zinto zonke. Naye ke apha ecaleni akatyhafanga uyafunda. |
| Nkskz. GONTSI: | Uthini na! Inene uya kusohlwaya noYehova ngokubamba inqala umntwana wasemzini. Ingathi ngesimncama simamkele phakathi kwekhaya. |
| SAZISO: | Alive lidlule na Mha ithuba loko, xa sele kudala betshatile kwaye benomntwana ngoku? |
| Nkskz. GONTSI: | Hayi wethu kusezilalini apha, akukho mntu wazi mhla wokutshata kwabo, ngaphezulu abantu bayakwazi ukuba nomntwana bengekazimanyi kula maxesha. Kwaye ke akunakusa sekukho umntu oqukezayo phakathi kwekhaya singamazisanga ebantwini. |

2.2.1 Ngubani igama lalo 'mfazi' athetha ngaye uNkosikazi Gontsi kule ngxoxo? (1)

2.2.2 Intetho kaNkskz. Gontsi ebhalwe ngqindilili ityhila oluphi udidi lovakalelo kule ngxoxo?. Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.3 Tolika okuthethwa libinzana, 'loo moya' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

2.2.4 Ngubani umlinganiswa oyintloko kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.5 Zinto zini ezi athetha ngazo uSaziso kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? Khankanya zibeMBINI. (2)

2.2.6 Xela isiganeko esilandela kanye oku kukwisicatshulwa. (2)

2.2.7 Nika umxholwana oqulethwe sesi sicatshulwa. (2)

2.2.8 Chaza indima edlalwa ngumlinganiswa onguvalithuba ebalini. (2)

2.2.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. (isolilokhwi/ imonologu) kukuzithethela komlinganiswa eyedwa eqongeni. (1)

**AMANQAKU EWONKE ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C

## UMBUZO 3

## ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – P.N. GIDI

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi

UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1

**IKHAYA – I.K. NQONQOZA**

Sisimiselo sapha**kade,**
Luqilima lwapha**kade.**
Ngutamkhulu ngumakhulu,
Ngutata ngumama,
Ngumnakwethu ngumsakwethu.
Bonke bandawon'inye,
Bonke banteth'inye.
U**nga**thinjwa lilizwe,
Wohlala ulicinge.
U**nga**bhadwa ngabangendawo,
Ubuya wamkeleke.
Wakuhlaselwa zizihange,
Lilukhuselo kuwe,
Livingce malakatha.

3.1.1 Xela isixhobo sesandi esikumqolo woku-1 nowesi-2 yalo mbongo. (1)

3.1.2 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-2. (2)

3.1.3 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.4 Wahluka njani umongo wemiqolo yokuqala esibhozo kumxholo wemiqolo emithandathu yokugqibela yalo mbongo? (2)

3.1.5 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwizibiyeli. Isantya ophala ngaso lo mbongo (siyacotha/siyakhawuleza.) (1)

3.1.6 Kuzisa ngcinga ni ukusetyenziswa kwesakhi u, 'nga' esibhalwe ngqindilili kwimiqolo yowesi-8 nowe-10 yalo mbongo? (2)

3.1.7 Chonga igama kumqolo we-12 elithetha ukuqutyulwa. (1)

3.1.8 Khankanya imiqolo eyikhaphulethu kulo mbongo uze uxele umsebenzi wekhaphulethi kolu didi lombongo. (3)

3.1.9 Nika umyalezo onikwa yimbongi kulo mbongo. (3)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa sombongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IXESHA – N.P.D. SIGENU**

Ngunkqonkqonkqo kuvuk'amadoda.
Ngungongongo kuvuk'izazela.
Ngunkr-ri-nk-ri-nk-ri bavumbuluk'abafundi.
Uncincinci yen'uthuthuzel'iintsana.

Kukhal'iinkuku anduluk'amakhwenkwe.
Alandele ooyise kungekakhal'isangqûphu.
Kuba hay'amadoda ukuxhaphaza iidyongo.
Angquban'anexhala exhesha nexesha.

Sibinindini sicand'amathafa.
Sisalath'indlela nok'iphindaphindwa.
Unkanishe angcambaze elinde imizuzu.
Anyathele kuhle nemitsi ilinganisiwe.

Ngumhlanguli maxa wambi sekulel'uthuli
Ingqushu seyafefwa naziimvula.
Idandalaz'inyani idid'amadoda esazi.
Ayezilibel'ubuni kusaxand'ubuxoki.

Ixesha lithambisa nezilonda kogrhuzulweyo.
Kanti yodula nenyaniso kolahlekisiweyo.
Lakuhamb'ixesha ziyasongwa nezezolo
Lakuhamb'ixesha kuvele nent'ibingeyiyo.

3.2.1 Chonga abemaBINI amagama abonisa ukuhamba kwexesha kwisitanza soku-1 salo mbongo. (2)

3.2.2 Khankanya iindlela ixesha elibachaphazela ngayo abafundi neentsana ngokwalo mbongo. (2)

3.2.3 Yintoni esetyenziswe njengesimboli yexesha kumqolo wesi-5? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.4 Amadoda awaxhaphaza njani amakhwenkwe ngokwesitanza sesi-2 salo mbongo? (2)

3.2.5 Xela isixhobo sesandi esikumqolo wesi-8 nesandi eso uze uchaze ifuthe laso kumbongo. (3)

3.2.6 Khankanya esi sibini ithetha ngaso imbongi kwisitanza sesi-3 salo mbongo. (2)

3.2.7 Nika umongo wesitanza sesi-4 salo mbongo. (2)

3.2.8 Xela isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)

**AMANQAKU EWONKE ECANDELO C: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2020

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA
# (EXEMPLAR)

**AMANQAKU: 70**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha asi – 7.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1 VULEKA MHLABA: Ncedile Saule

1.1 1.1.1 Kungokuba ulilahlile ithemba lokuba amapolisa nabecuphi bangabuya babe samnceda ✓✓/uphelelwe lithemba kwabasemthethweni kuba akancedakalanga ✓✓/ amapolisa nawo ayengawasusi amehlo kuye kuba oyena mbulali wayengekafunyanwa. ✓✓

[Nayiphi kwezi.] (2)

1.1.2 Lelokubulawa kwenkosikazi kaBantu Zathu ✓/ lelokubulawa kukaDora. ✓ (1)

1.1.3 Kukubonakalisa ubunzima bemeko awayekuyo eyayimbangela ukuba acinge angayeki ✓✓/ kukubonakalisa ukuba ingxaki akuyo ayinasisombululo. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.4 Yeyemeko engabonakali inokuphumelela ✓✓/ yeyokubona imeko embi enganiki themba kwaphela. ✓✓ (2)

1.1.5 Ekupheleni kwebali uBantu Zathu uyamfumana amleqe ngokwakhe umntu ekuthe kanti nguye owabulala uDora, uJolela obengacingelwa tu ukuba ungumbulali. ✓✓ (2)

1.1.6 C ✓/ C UNoziqhamo ✓/ UNoziqhamo. ✓ (1)

1.1.7 Isixelela ukuba uSaqhwithi lo ngumfo ongqwabalala ✓✓/ukuba ngumntu ongenalusini. ✓✓ (2)

1.1.8 Yimpixano yangaphakathi ✓ kuba uThangana ukrekrethwa ngumvandedwa, iingcinga zakhe ziyabethabethana akukho mntu alwa naye , yiyo loo nto iyimpixano yangaphakathi. ✓✓ (3)

1.1.9 Kungokuba kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto kulapho iziganeko ziya zithatha khona unyawo. ✓✓ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Bangabahlobo abakhulu. ✓ (1)

1.2.2 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ✓/ ngumfanekiso-ngqondweni wokubona. ✓ (1)

(b) Uphuhlisa ukuphakama ngokukhawuleza okubangelwa ngumothuko. ✓✓ (2)

1.2.3 Ulwimi olucengayo. ✓ (1)

1.2.4 Ngokuthi angxolise uBantu ✓/ ngokuthi athethe rhabaxa noBantu. ✓ (1)

1.2.5 Kungokuba umbalisi wazi konke okuqhubeka ebalini, uthi esixelela ngokuqhubeka phakathi kukaBantu noNoziqhamo abe ekubaqhubi beemoto ezigqithayo. ✓✓ (2)

1.2.6 (a) Wayebone uJolela. ✓ (1)

(b) UJolela ubaluleke kakhulu ebalini kuba nguye lo ubangele ukuba kubanjwe uBantu ngetyala angalenzanga ngoko ke ukufumaneka kwakhe abanjwe kuza kutsho kukhulule uBantu ✓✓/ Ukubanjwa kukaJolela oyena mbulali kuza kulihlamba igama likaBantu. ✓✓ (2)

1.2.7 Ngowokuba unyawo alunampumlo ✓✓/ ngowokuba ityala aliboli ✓✓/ ngowobuhlobo bokwenene ✓✓/ngowokuba akukho nto ifihlakala kude kuphele. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2.8 Ngumlinganiswa ongumxhasi. ✓ UNoziqhamo nguye osecaleni likaBantu Zathu, omnqwenelela ukuba aphumelele ekufumaneni oyena mbulali kaDora ✓✓/ Nguye oncedisa noxhasa uBantu, umnika amandla okuba azikhuphe ahlambe igama lakhe. ✓✓

[Nayiphi na kwezi.] (3)

1.2.9 Sisimo sentlalo sala maxesha okhanyo ✓/ sisimo sentlalo sala maxesha empucuko. ✓
Kukhankanywe imoto abahamba ngayo uBantu noNoziqhamo. ✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA – IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI: ZAMA A. JAPHTA

## UMBUZO 2: ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 Sixelelwa ngentshukumo yabalinganiswa. ✓ (1)

2.1.2 UNonkuthazo noMfanelo bayathandana ✓ kanti uNomthombo noMfanelo bazana etywaleni kuba uMfanelo esela kwisirhoxo sikaNomthombo. ✓ (2)

2.1.3 Uthetha ukuba uNonkuthazo uyazigqatsa ungena iindaba ezingamfuniyo. ✓✓ (2)

2.1.4 Ubaluleke ngokuthi abengumlinganiswa okhupha uMfanelo kwisimo sokuzitshabalalisa ngotywala amkhuthaze ade abengutitshala onesidima kwakhona. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.1.5 Ongqukuva ✓ kuba amacala akhe onke siwabonile ebalini, uneempawu ezilindelekileyo kumntu ophilayo. ✓✓ (3)

2.1.6 Kukutyhila izimo zabalinganiswa.✓✓ (2)

2.1.7 Ngamachaphaza amathathu. ✓ (1)

2.1.8 Yintlekele-siyolisi kuba ekuqaleni kubonakala ukonakala kwesimo sikaMfanelo ozenza ikhoboka lotywala de kucace ukuba uza kugxothwa emsebenzini kodwa uthi uphela lo mdlalo kube sele kumnandi imeko kaMfanelo itshintshile, wabuyeka utywala, waqoqosheka wada wenyuselwa nasemsebenzini konwatywa ngumntu wonke. ✓✓ (2)

2.1.9 Ayifanelekanga kuba uNomthombo umele kukumhlonipha uNonkuthazo endlwini yakhe kuba njengomntu ohlala noMfanelo unezigqibo naye ngemali yakhe kwaye ufanele ukuba ucela uNonkuthazo kakuhle angamthuki ngobuqaba endlwini yakhe abonise ukungafaneleki kokudibana kwabo. ✓✓✓ (3)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

2.2 2.2.1 NguNonkuthazo. ✓ (1)

2.2.2 Lolokuzisola ✓ kuba eqonda ukuba bamgwebe bengakhange baqale bamazi uNonkuthazo ✓✓/ bakhawuleze bathatha isigqibo ngoNonkuthazo bengenazo iinkcukacha ngaye ✓✓/baphosisile ukuyazi ukuba umntu uyatshintsha akahlali elinxila okanye eliqaba kuba akadalwanga enjalo. ✓✓

[Nayiphi na kwezi.] (3)

2.2.3 USaziso uthetha ukuba uNonkuthazo akabaxhibanga kuba naku kungekho mpembelelo injalo apha kuMfanelo ✓✓/ kuba akabasoli. ✓✓ (2)

2.2.4 NguMfanelo ✓ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena nokuba ukho nokuba akakho ✓/ unabachasi kunye nabaxhasi ✓/ unento ayifunayo akaphumli engayifumananga. ✓

[Kulindeleke ukuba umfundi azixhase ngophawu lube lunye lomlinganiswa oyintloko.] (2)

2.2.5 Kukuba engafundanga, ✓ kukuba esebenza umsebenzi wokucoca esibhedlele, ✓ kukuba esela utywala. ✓

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.2.6 Sesokwamkelwa nokwaziswa kukaNonkuthazo kusapho lwakwaGontsi. ✓✓ (2)

2.2.7 Ngumxholwana wokuzisola ✓✓/ ngumxholwana wobulungisa. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.2.8 Umlinganiswa onguvalithuba akanandima ibheke phi, uvela nje kancinci angaze abuye avele ukuliqhubela phambili ibali. ✓✓ (2)

2.2.9 Isolilokhwi. (1)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C : ISIHOBE – ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA: P.N.GIDI

### UMBUZO 3: IKHAYA

3.1 3.1.1 Yimvano-siphelo ✓ (1)

3.1.2 Lomelele ✓✓ / liqinile ✓✓/lomelele. ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

3.1.3 Yisonethi ✓ kuba unemiqolo eli-14. ✓ (2)

3.1.4 Kumqolo woku-1 ukuya kowesi-6 imbongi ichaza iimpawu zekhaya kanti kumqolo wesi-8 ukuya kowe-14 imbongi ithetha ngemisebenzi yekhaya. (2)

3.1.5 Siyakhawuleza ✓ (1)

3.1.6 Eyokuqiniseka kwinto yokuba ezi meko zixeliweyo –'ukuthinjwa lilizwe, nokubhadwa ngabangendawo, azinamandla okumsusa ekhaya umntu. ✓✓ (2)

3.1.7 Wakuhlaselwa. ✓ (1)

3.1.8 Ngumqolo we-13 nowe-14 ✓ ikhaphulethu ibethelela uluvo lombhali. ✓✓ (3)

3.1.9 Uthi masixabise ikhaya kuba nokuba kungenzeka ntoni kubomi bethu ikhaya lihlala lisikhongozela. ✓✓✓ (3)

**KUNYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 3.2 | 3.2.1 | Ngunkr-ri -nkr-nkr-ri, ✓ nguncincinci ✓ | (2) |
| | 3.2.2 | Lithi lakufika kubafundi libatsho bavuke ngokukhawuleza kanti iintsana zona lifika kuzo lizilalise kamnandi. ✓✓ | (2) |
| | 3.2.3 | Ziinkuku ✓kuba zikhala kanye lakufika ixesha lakusasa ukuvusa abantu ngoko ke zenza le nto ibimele kwenziwa yiwotshi ukuchaza ixesha. ✓✓ | (3) |
| | 3.2.4 | Ngokuthi xa amakhwenkwe eliphosile ixesha lokulandela amadoda ukuya kusebenza abethwe ngesangquphu. ✓✓ | (2) |
| | 3.2.5 | Yimfanozandi ka -xh no x ✓ idala isingqisho. ✓✓ | (3) |
| | 3.2.6 | Ziiyure ✓ nemizuzu ✓ yexesha. | (2) |
| | 3.2.7 | Ngowokuba ixesha liyamnceda umntu ngokuhamba kwalo kuba liyaphilisa ngokuthi kuvele iinyaniso nangezinto ezazifihlakele, kuphile nezilonda ezazenzekile, kulityalwe nangezigqithileyo. ✓✓ | |
| | | [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2) |
| | 3.2.8 | Wakhiwe ngezitanza eziHlanu ezinemiqolo emine. ✓✓ | (2) |

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**